

IOLI NOPHONONONGO: UNXWEME OLUSENTSHONA

TEEPSA EMazantsi eDWOB

ITotal Energies (iTEEPSA) iceba ukuqhuba ukuphonononga kwaselwandle kufuphi nonxweme ngokubhola kwinxalenye **esemazantsi** yebhloko i**Deep**

Water Orange Basin (iDWOB): iNkqubo yoVavanyo lweziPhumo kuLuntu nakokusiNgqongileyo iyaqhubeka.

Ngo2023, iTEEPSA yafumana ugunyaziso lwangokusingqongileyo (EA) lokuba iqhube imisebenzi yophononongo eyahlukahlukeneyo phakathi kwinxalenye **esemantla** yeBhloko iDWOB. Abalobi nemibutho yezokusingqongileyo baza kuyicela umngeni iEA kwiNkundla ePhakamileyo yaseKapa kweyeDwarha ku2025.

EmaNtla eDWOB

EMazantsi eDWOB




Figure 1: Locality map of Licence Block DWOB off the South African coast = Imephu yommandla weLayisenisi yeBhloko iDWOB kunxweme loMzantsi Afrika.



Izimvo ziyafuneka ngomhla we10 kweyoMsintsi

Apho sikhoyo ngoku

Ngoku, iTEEPSA iceba ukuqhuba ukubhola kokukhangela ioli nerhasi kwinxalenye **esemazantsi** yeBhloko iDWOB. Oku kunokuchaphazela izinto eziphila elwandle, nendlela uluntu oluphila enxwemeni oluphila ngayo nolwenza ngayo iindlela zokuziphilisa. Lo mthetho unika bonke abantu abanomdla nabachaphazelekayo (iil&AP), kuquka noluntu, ilungelo lokuba noluvo kwaye babelane ngeembono zabo malunga nendlela enokuthi le projekthi ibachaphazele ngazo.

I-TEEPSA kufuneka ifumane uGunyaziso lwangokusiNgqongileyo (iEA). Le nkqubo iquka uVavanyo lweziPhumo kokusiNgqongileyo (iEIA), noluthi maxa wambi lubizwe ngokuba luVavanyo lweziPhumo eNtlalweni (iESIA).

I-EIA iqulathe izigaba ezibini kwaye kungoku nje sikwisigaba sesibini.

1. Sokuhlolwa kobuBanzi boMsebenzi
2. ISigaba soVavanyo lweZiphumo.

Yeyiphi imisebenzi ecetywayo?

Ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe funda [i-publication](http://www.naturaljustice.org/publication/teepsa-deep-water-orange-basincomments-on-scoping-report) eveliswe ngelixa leSigaba sokuHlola ubuBanzi boMsebenzi. Ngena kuwww.naturaljustice.org/publication/teepsa-deep-water-orange-basincomments-on-scoping-report
IsiXhosa: upapasho

Ukukhangela ioli nerhasi

7

7Amaqula
amatsha
ekulindeleke
ukuba abholwe

3900 m

Obona bunzulu
bokubhola
bunokwenzeka

211km

kufuphi nonxweme
ngaphakathi
elwandle

- Ngamaqula afikelela kwisi7 aza kubholwa elwandle, nalapho iqula ngalinye liya kuthatha ixesha eliphakathi kweenyanga ezi3 ukuya kwezi4 ukulibhola.
- Ukubhola kuza kwenzeka kumgama olingana nama211 km ukusuka enxwemeni, kumanzi anzulu kakhulu aphakathi kwama500m nama3 900m ubunzulu. Oku kungaba kokona kubhola kufuphi nonxweme kunzulu kakhulu.
- Kuza kusetyenziswa izixhobo ezinxulumene nokubhola nemigqomo yobonelelo, kwaye kuza kumiselwa indawo yamalungiselelo ekufuphi nonxweme ngaphandle kolwandle.
- Ngelixa lokubhola, iimathiriyeli ezingasebenziyo ezifana nezinto ezisikiweyo, iincindi zokubhola nesamente eshiyekileyo ziza kulahlwa emazantsi olwandle.
- Limvavanyo zamaqula ziza kuquka ukuThwetyulwa kweMifanekiso yobuNzulu (VSP), isixhobo sovavanyo esisebenzisa imitha yokuthatha imifanekiso emhlabeni esidala imifanekiso yomhlaba ongqonge iqula elo.
- Amaqula lawo aza kuvavanyelwa ioli nerhasi aze emva koko atywinwe ngesamente.

Lungachaphazeleka kanjani uluntu?

Kukho iziphumo ezinokubakho kuluntu lwengingqi oluchongwa kuyilo lweNgxelo yeESIA, kuquka iinkxalabo zezentlalo, nemingcipheko kokusingqongileyo. Oko kuquka:

IziPhumo kwiiNtlanzi neZinto eziPhila eLwandle: Izilwanyana ezihambahambayo ezifana neetyhuna, iintlanzi ezinemilomo enjengeyeentaka, izinja zaselwandle namahlengesi, amafudo anemiqolo yofele, neentaka zaselwandle ezifana noonombombiya baseAfrika zinokufunyanwa kummandla weDWOB nezinokuthi zichaphazeleke yingxolo, lungcoliseko nobumdaka obubangelwa kukubhola. Ukuba kubekho ukuchitheka kweoli, kungangcolisa iindawo zokuloba, konakalise izinto eziphila elwandle, kwaye kuchaphazele ulwandle nommandla osenxwemeni.

IziPhumo kwiiNdlalela zokuziPhilisa: Iprojekthi leyo iphakanyiswayo inokuba neziphumo kwimisebenzi yokuloba ngenxa yeendlela zokuziphatha kweentlanzi. Ukuba inani leentlanzi ezibanjwayo lilonke liyancipha, oko kunganciphisa inzuzo yokuloba.


IziPhumo kwiNkcubeko neMveli: Umhlaba wonxweme osuka ePort Nolloth ukuya eKapa unokubaluleka okunzulu kwezenkcubeko nezakwamoya kubantu bawo bemveli noluntu olumbalwa olulobayo, olubona ulwandle njengendawo engcwele neqhagamshelene nendlela yalo yokuphila.

Zibandakanye



Hamba iintlanganiso zoluntu

Hamba iintlanganiso zoluntu ezimalunga nophuhliso kwingingqi yakho uze uveze iinkxalabo zakho ngokungqalileyo.



Qokelela iingcaciso

Funda uYilo lweNgxelo yoVavanyo lweziPhumo kokusiNgqongileyo naseNtlalweni (ESIA) [olufumanekayo ukususela ngomhla we11 kweyeThupha ukuya kowe10 kweyoMsintsi ku2025.](#)

Sebenzisa ezi linki zifumaneka kwi-intanethi ukuze ufikelele kule Ngxelo: iWebhusayithi yeSLR engasebenzisi Datha:

www.slrpublicdocs.datafree.co/public-documents/teepsadwobsouth/

likopi ezingamaphepha kulindeleke ukuba zifumanekane kumaThala eeNcwadi oLuntu asePort Nolloth, eLambers Bay, eSaldanha naseHout Bay.



Faka izimvo zakho


Bhalisa njengomnye waMahlakani aChaphazelekayo anomdla (ii-I&AP) ngokuthi uthumele i-imeyile kuTEEPSA-DWOB@slrconsulting.com iSMS/uWhatsApp: [078 226 0801](tel:0782260801)

Lungisa uze ungenise uluvo lwakho malunga nolu phengululo ungagqithanga umhla we10 kweyoMsintsi 2025 (phambi kwasezinzulwini zobusuku).

UVavanyo lweziPhumo kokusiNgqongileyo

INkqubo yoVavanyo lweziPhumo kokusiNgqongileyo (EIA) iqinisekisa

ukuba iziphumo zeprojekthi leyo ezinokubakho zivavanywa ngokupheleleyo ngaphambi kwalo naluphi na uphononongo. Olu lungezantsi lushwankathelo lwamanyathelo aphambili abandakanyekayo nalapho sikhoyo ngoku kule nkqubo.



Silapha!

UVavanyo lweziPhumo kokusiNgqongileyo naseNtlalweni (ESIA)

Umthetho ufuna ukuba abafakizicelo zamalungelo ophononongo bathethane noluntu kuwo onke amaqanaba enkqubo yokufaka izicelo ukuze iEA iqhube nemisebenzi yophononongo.

UYilo lweNgxelo ye-ESIA kufuneka lubonakalise ukuba iprojekthi leyo imalunga nantoni, iziphumo zayo ezinokubakho, iindlela zokunciphisa ubungozi neenkxalabo zoluntu. (NEMA Reg 21-24)

